



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2012

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO – P1

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 iiyure



Olu viwo lunamaphepha ali – 11.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Isishwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Ukusetyenziswa kolwimi	(40)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Bhala icandelo ngalinye kwiphepha ELITSHA uze ukrwele umgca ekupheleni kwecandelo NGALINYE nasemva kwempendulo NGANYE.
4. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
5. Landela imiyalelo ngocoselelo.
6. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
7. Qwalasela upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1****1.1 ISICATSHULWA A****UKWANELISEKA**

1. Zininzi izinto kweli hlabathi ezinokumenza ubani akhathazeke, anganeliseki. Kungoko ke bebaninzi abantu abakufumana kunzima ukwaneliseka sisabelo sabo ebomini. Ukwaneliseka kukungakruthakrutheki yimeko okuyo; oko kwaneliseka ke kubonakala ngokungambombi nangokungababek'ityala abanye abantu. Hayi, ukwaneliseka akuthethi kuthi umntu akabi senza mzamo, wokuyiphucula imeko yakhe. Ukwaneliseka yimeko okuyo akumele kuyikrwitshe inkqubela-phambili; kuthetha ukuthi asimele siyinqwenele shushu into ngokokude sizibone sesiphakathi koonozikhalazo abakhalaza bekhazile.
2. Phandl'apha baninzi abantu abanganelisekanga sisabelo sabo ebomini. Banqwenela ukuba babe bebeqeshwe komnye umsebenzi ongenguwo lo bakuwo; banqwenela ukuba babe banomzi ongomnye ongenguwo lo bakuwo; banqwenela ukuba babe nendoda engeyiyo le banayo; banqwenela ukuba bebenomfazi ongomnye ongenguye lo banaye. Bafumanisa ukuba iminqweno abanayo ayisabalalisi ebusuku!
3. Nakubeni kona singamele sizityeshele izinto ezifuna ukuba sizihoye, kufuneka siqonde ukuba kukho izinto ezingaphaya kwamandla ethu ukuba singaziguqula. Endaweni yokuvumela ezi zinto zibe soloko zisisiphazamiso kuthi, simele sixakekise ingqondo yethu ngezinto eziluncedo ezinokuba semandleni ethu. Ukuba asenzi njalo sisengafumanisa ukuba sikhathazeke kangangokuba asisavuyeli nezinto ezivuyisayo. Kwanaxa umntu enentabalala yobutyebi, usengavumela usizi oluthile lusibekel'imihla yobomi bakhe ngesithokothoko sobumnyama. Ekubeni engumntu onganelisekiyo, akasaboni neentsikelelo ezininzi ezimjikelezileyo. Kanti yena umntu onokuncinanana, kodwa abe engakuvumeli ukungonwabi kudlale ngaye uhlala enovuyo ngaphakathi imihla ngemihla. Ukuba nethemba kwakhe ngobomi kumenza ukuba achwayite.
4. Umnqweno ongalawulekiyo wobunye ubunewunewu phezu kobunye uyalutshabalalisa ulonwabo lomntu. Umzekelo, abanye abantu bathenga ngamatyala, bathathe iihambo zokuya eziholideyini ngamatyala baphele bengaveli nonwele ematyaleni. Emva kwalo mthwalo unzima wamatyala abangakwazanga kuwothula, bazibeka elusizini bezihlaza, behlaza neentsapho zabo. Ngenxa yokuphelelwa lithemba, abanye baye baguqukele kwiziyobisi, ukanti abanye bayazixhoma. Ukuba aba bantu bebanelisekile kukuba nezinto nje eziyimfuneko zokuphila, ngebengazidalelanga ubuhlungu bentliziyo obungako. Ubomi bethu buba nzima ngako nje sakuzama ukuqhayisela abanye ngokuphila ubomi obungaphaya kwamandla ethu.

5. Ukuba ungumntu oselula unokuba akwanelisekanga sisabelo sakho sobomi. Ulutsha oluninzi namhlanje lukhathazeka zizinto ezithethwa nezenziwa ziinkokheli zepolitiki. Alwaneliseki kukuba ngababukeli nje. Ngenxa yokunganeliseki kwalo luphela lugxuphuleka kwipolitiki luselula kakhulu. Lunoluvo lokuba alumele luhlale phantsi lusong'izandla. Kodwa zonke ezi zinto akukho mfuneko yokuba wena zikudidizelise, zikukhuph'emendweni ohamba ngawo, zikwenze uyeke isikolo. Qiniseka ukuba imigudu yeentanga zakho enjongo zayo ikukuguqula imeko yelizwe, ekugqibeleni iya kubonakala ukuba ibe ngumxhentso nje olilize. Iintanga zakho azinakuliguqula eli hlabathi libe yinto ebhetele. Ke, ngokuyiyeka ngaphambi kwexesha imfundo, usenganyanzeleka ukuba uncame waneliswe ngumsebenzi ongahlawuli ngokwaneleyo, usenganyanzeleka ukuba unyamezele iimeko zasemsebenzini ezikubangel'isingqala ngaphezu kweziya ezakushiyis'isikolo. Lilonke, zimisele ukuqhuba kakuhle kakhulu esikolweni, ukhethe uhlobo lwemfundo oluya kukwenza ube nako ukuziphilisa ngaphandle kokuziqoba amandla.
6. Uyabona ke ngoku ukuba umntu owanelisekayo sisabelo sakhe ebomini usinda emaxhaleni amaninzi nasekungonwabini okuzalwa kukunganeliseki. Ekubeni anelisekile koko anako, uyakwazi ukuba achithe ixesha lakhe namandla akhe kwizinto ezibaluleke kakhulu nezinomvuzo. Ngoko ke zifundise ukwanela koko unako, ungabi soloko untyumpantyumpeka ezingcingeni ufuna icebo lokufumana izinto ongenazo nongenakuba namandla okuzenza, ngaloo ndlela uyakufumana ukuphumla engqondweni nokonwaba.

[Rhweba ubulumko, Iphepha 5-8]

- 1.1.1 Yintoni ukwaneliseka? (1)
- 1.1.2 Kubonakala njani oko kwaneliseka kulowo uthe woneliseka? (2)
- 1.1.3 Ukwaneliseka kukuhlala kulo ndawo ukuyo ungasuki: Ewe okanye Hayi. Xhasa impendulo. (1)
- 1.1.4 Abantu abanganelisekanga banezinto abazinqwenelayo apha ebomini: Nika ibe Nye kwezo zikhankanywe kwisicatshulwa. (1)
- 1.1.5 Chonga ibinzana elithetha ukuba emhlabeni asisoloko siphumelela kwizinto esidibana nazo. (1)
- 1.1.6 Kufanele senze ntoni endaweni yokuvumela izinto ezisoloko zisiphazamisa apha ebomini bethu? (1)
- 1.1.7 Ukuba ngaba asikwenzi oku sikuchaze apha kuMbuzo 1.1.6 kuye kwenzeke ntoni ebomini bomntu? Jonga kumhlathi 4. (1)
- 1.1.8 Ingaba yintoni etshabalalisa ulonwabo eluntwini ekhankanywe ngumbhali? (1)

- 1.1.9 Kukho umahluko phakathi komntu onezinto nongenazinto xa kutheliswa nobomi esibuphilayo: Ingaba ubaphi umahluko kwezi ndidi ziMBINI zabantu? (2)
- 1.1.10 Benza ntoni aba bantu xa bathe bazibona bekwezi meko zikhankanywe apha ngezantsi?
- (a) Boyiswa yimithwalo abazikhethela yona.
(b) Baphelelwa lithemba.
- Nika impendulo ngemeko nganye. (2)
- 1.1.11 Ukuyeka imfundo phakathi kungamzisela ngxaki zini umntu omtsha? Xela zibeMBINI. (2)
- 1.1.12 Umbutho wolutsha olwela ukungoneliseki kwabantu baseMzantsi Afrika yi:
- (a) ANCYL
(b) NAPTOSA
(c) COSATU
- Khetha ibeNYE efanelekileyo kwezi zingentla. (1)
- 1.1.13 Ulutsha luyaneliseka ziinkokheli zepolitika: Ngqina okanye uchase olu luvo ngokuthi ucaphule kwisicatshulwa ukuphuhlisa impendulo yakho. (2)
- 1.1.14 Gqibezela esi saci ngokuthi ufakele amagama achanekileyo.
- Ithemba alibulali... (1)
- 1.1.15 Nika intsingiselo yesi sivakalisi silandelayo: usengavumela usizi oluthile lusibekel' imihla yobomi ngesithokothoko sobumnyama. (2)
- 1.1.16 Njengomfundi webanga leshumi: Xa ungonelisekanga ziziphumo zakho ezimviweni ucinga ukuba ungenza njani ukuziphucula? Nika uluvo lwakho. Jonga kumhlathi 6. (1)
- 1.1.17 Uthini umyalezo wombhali kulo mhlathi malunga nesabelo sobomi? (2)

1.2 ISICATSHULWA B

IFLEGI YASEMZANTSI AFRIKA!



- 1.2.1 Mingaphi imibala ekwiflegi yoMzantsi Afrika? (1)
- 1.2.2 Ezi zinto zingezantsi zimele uMzantsi Afrika: Khetha ibeNYE engafanelekanga kwezimpendulo zilandelayo.
- (a) intyatyambo ebizwa ngokuba yiprotea.
 - (b) umthi obizwa ngokuba yiyellow wood.
 - (c) intaka ebizwa ngokuba yi"blue crane".
 - (d) indlovu. (1)
- 1.2.3 Ingaba umbala obomvu kule flegi ingentla umele ntoni? (2)
- 1.2.4 Igama iProtea ligama leqela lebhola ekhatywayo laseMelika: Yinyani okanye bubuxoki? (2)

[6]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2**

- Funda esi sicutshulwa singezantsi wandule ukusishwankathela ngamazwi akho ungadluli kumagama angama 50 – 60.
- Bhala inani lamanqaku ekupheleni kwesishwankathelo.
- Shwankathela ngezivakalisi ezipheleleyo.

Ulwabiwo lwamanqaku:

- Iingongoma ezisixhenxe. (7)
- Ukusebenzisa ulwimi oluchanekileyo (3)

UDLOMDLAYO

Kuninzi lwabantu akakho umhlobo wenene kubo bonke abaphezu komhlaba ofana noDlomdlayo, lungekho notshaba olunzulu njengoDlomdlayo. Uthi ubani ukuba ngaba ebengumyeni womntu axolele kuphele naloo mtshato ukuba ngaba baxatyaniswa nguDlomdlayo. Ade alikhuphe ngomlomo wakhe athi “ngase iphele loo nto besingayo kunokuba ndohlukane noDlomdlayo ngenxa yomntu. Ukwalutshaba olubi uDlomdlayo kuba akakuthiyeli kukubona koko ukufuna phantsi kwesoyi. Ukuba akasamfuni uya kuleqa, ade athi sele ebona akusekho zakho abe ekuzingile nokuba sele ungofunqulwayo umkhuhlane kuba kaloku akafuni kukubona uphila, ukufuna engcwabeni. Ngabazizilumko abasindayo kuloo meko kuba bathi bengekakhahlelwa phantsi nguye bacele ukuba buphele ubuhlobo phakathi kwabo, babe nokusinda ekufeni ke ngaloo ndlela.

Le ntombi iye ibonakale ukuba ayijonganga ndofa naye njengezinye iintombi ezixhinele umtshato koko ifuna ukusenga yonke into eyindoda esondela kuyo. Bambi abanye abafu bemka sele bezizidumbu apho okanye baze kuthathwa emakhayeni abo sele bengakwazi nokuzenzela nto, begulela ukufa.


Bunjalo ke utywala ngenene kuba bufuna ubomi bomntu. Ude athi umntu sele ezibona iimpawu ezithile ukuba zibangwa bubo kodwa angakwazi ukubuyeka. Bangaphi abantu ababhubhe bebulawa butywala? Abantu bade batyhole amagqwirha ngenxa yotywala.

Zibuhlungu, zimbi, zimasikizi izinto ezidalwa nguDlomdlayo ebantwaneni babantu. Jonga ezi nkedama zeentsana ezishiywa ngabazali ngenxa yokuba bebulawa butywala. Naxa ezinye iintsizana zihamba zisihla ezitratweni zeedolophu zicela imali nokutya kuba zizalwa ngabantu abazinikezele bonke ubomi babo etywaleni abangenandlela yokondla iintsana zabo. Ngamanye amaxesha abantwana baphiwa ubukrelekrele esikolweni koko abanabantu bokubaqhubekisa nemfundo yabo ngenxa yeemeko zamakhaya angxwelerhwe ngulo Dlomdlayo.

[Singcamla Inggaka, Iphepha 113, Isigaba 10]

ICANDELO C: UKUSETYENZISWA KOLWIMI**UMBUZO 3**

Jongisisa le grafu ibonakalisa imizuzu eyayinikwa iilwimi zaseAfrika ngu SABC kusasazo lwabo phambi kokuba uMzantsi Afrika ukhululeke, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:




- 3.1 Loluphi olona lwimi lwalufumana ixesha elininzi lokusasaza? (1)
- 3.2 (a) IsiTswana sithethwa loluphi uhlanga lwabantu?
(b) Zingaphi ngoku iilwimi ezisemthethweni eMzantsi Afrika? (2)
- 3.3 Ulwimi lwesiZulu luthethwa kwawaphi amaPhondo? (2)
- 3.4 Ulwimi lwesiXhosa luyathethwa eSajonisi ... lungaxatyiswanga. Fakela isihlanganisi esifanelekileyo ukuvala isikhewu. (1)
- 3.5 Nika iintsingiselo eziMBINI ezahlukileyo zegama “ulwimi” ngaphandle kwale sele uyinikiwe. (2)
- 3.6 Tshintsha igama ‘umzuzu’ libe kwisinciphiso. (1)

[9]

UMBUZO 4



Jongisisa lo mfanekiso wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.





AMASI ASESIBAYENI

Ancamisile ngencasa, antubululu yingqaka
Uthabathek' usanambith' ithamo lokuqala
Thenga ilitha ezimbini nge-R10, ube sisinhanha esingawothiyo umlilo!
(khangela ibhaso lakho ngaphakathi esicikweni)

Ukhangela thina?:
No 8 Nqilo Street, Lady Frere

 049 235 6789
 084 792 5740

 08h00  18h00

Intlutha lilungelo lakho, ukondla luxanduva lwethu!

[Ukhanyo, Ibanga 10, Iphepha 86]

- 4.1 Isenzi u-“Thenga” senze msebenzi mni kwesiya sivakalisi? (1)
- 4.2 Chonga isichazi sibe siNYE kule ntengiso unike nodidi lwaso. (1)
- 4.3 Inkangeleko yeselwa ibonakalisa: (ukuphuphuma, ubumdaka) Khetha igama libe liNYE elifanelekileyo kula akwizibiyeli. (1)
- 4.4 Chonga ibinzana elinesilanduli kule ntengiso ingentla ulibhale. (1)
- 4.5 Caphula indawo apho umbhali wale ntengiso athe wasebenzisa ulwimi oludlwengula umxhelo wabathengi. (1)

- 4.6 Yakha isibizo esisingisele emntwini ngesenzi u-ondla. (1)
- 4.7 Sithini isilogani sale ntengiso? (1)
- 4.8 Nika intsingiselo yeli binzana lingezantsi:
'...usanambith'ithamo lokuqala.'
- 4.9 Nika isichasi segama "incasa". (1)
- 4.10 Amasi avame ukutyiwa ngaliphi ixesha enyakeni kwaXhosa? (1)
- 4.11 Chonga isafobe sibe siNYE kule ntengiso unike nodidi lwaso. (2)
- 4.12 Amanzi afumaneka emasini kuthiwa yi ... Gqibezela (1)
- 4.13 Kule ntengiso ingentla kukho isihlomelo: Sikhuphe unike nodidi lwaso. (2)
- 4.14 Hlahlela esi sivakalisi ukhuphe igatya eliyintloko negatya lolwalamano.

Zalisa le theyibhile ilandelayo:.

Bayafuna ukuwatya amasi kuloko banqatyelwe zinkomo.

Igatya eliyintloko	A
Igatya lolwalamano	B

- 4.15 Tshintsha esi sivakalisi sibe kwingxelo ntetho.
UDobo uthi ebantwaneni, "intlutha lilungelo lenu, ukondla lilungelo lam". (2)
- 4.16 Nika igama elithetha into enye negama 'isibaya'. (1)
- 4.17 Igama u "sisinhanha" wenze msebenzi mni kwesa sivakalisi? (1)

[21]

UMBUZO 5

Nazi iindaba zisasazwa ngqo nguNoxolo Grootboom. Lungisa iziphene kwezi ndaba.



Abantwana abanintshi ngentsimbi yesishumi emini bayahlangabezwa ngabazali babo xa bevela esikolweni. kwabazali kubalulekile ukubonisa ukuba uyakhathala ngomntwana wakho. UNongqayi uye watyiwa yinja zayesiya kukhamlela intombi yakhe encinci evela esikolweni.

[7]**UMBUZO 6**

Yakha isaci okanye iqhalo ngegama elikwizibiyeli ekupheleni kwenkcazelo nganye oyinikiweyo apha ngezantsi.

- 6.1 Izinto ezinkulu ziqala kancinci(inkqayi)
- 6.2 Indoda akutshiwo ukuba imbi kuba ubuhle nobubi bayo bohlulwa bubuhlanti bayo(ubuso)
- 6.3 Noyena mntu udelekileyo unesiphiwo esisesakhe yedwa kwaye uyafuna ukuba buviwe ubukho bakhe (Umlanjana)

[3]**AMANQAKU ECANDELO C: 40****AMANQAKU EWONKE: 80**